Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO A: INOVELI**

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 1.1.1 Usemzini wakhe√/ useMlazi√/useGliblands√ (1)

1.1.2 Kunjalo, kuba kuthiwa ebesecinga ukuphindela emsebenzini.√ (1)

1.1.3 Akuwacingisisa√/ akuwetyisa√/ akuwahlafunisisa√ (1)

1.1.4 Ukuba uLungile ubathembile ukuba baza kuwathathela ingqalelo la maphupha kwaye bamxhase.√√ (2)

1.1.5 Ngokuthi emva kwalo uLungile noNomakhwezi behlelwe yingozi yemoto ekhokelele ekubeni batshele kuyo ngaphakathi bobabini basweleke.√√ (2)

1.1.6 (a) NguNozililo.√ (1)

(b) Ngokuthi asoloko exabana noLungile ngenxa yeendaba zobuxoki aziva ngoNozililo√/ angavani nabantu baseGiblands abangabaxhasi bevenkile ngenxa yokuva ngoNozililo ukuba bathi ivenkile yabo idulu√√/ asweleke yena nomyeni wakhe kwingozi yemoto ngenxa yomsindo awawubangelwa kukuva ubuxoki ngoNozililo.√√ (2)

1.1.7 Lwaluyokulungiselela umsebenzi wotyhilo litye likatata kaLungile nelikatatomkhulu wakhe.√ (1)

1.1.8 Kungokuba wayesithi uLungile uzilibazisa ngeenkolo akugqiba ukuba sisifundiswa√√/ wayeyibona ilihlazo into yokwenza imicimbi yamasiko edolophini.√√ (2)

1.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi usapho lwakwaMakwetshu lusweleke ngokutshela endlwini.√√ (2)

1.1.10 Kunjalo, kuba sikrotyiswa kwisiganeko sokusweleka kukaLungile noNomakhwezi ngophuphelo√√/abalinganiswa uYolisa noThamsanqa nendima yabo njengabaxhasi bosapho lwakwaNtsibande iyakhula√√/izithole zempixano ziyantshula kuba izimo zabalinganiswa ziyadula√√/ isimo sikaNozililo siyadula njengomxabanisi nomchasi ebalini.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

1.2

1.2.1 Bubukhulu bayo kuba yayandisiwe de yahonjiswa√√/ bubuhle nomtsalane wayo√√/ bubukho besilarha.√√ (2)

1.2.2 Yeyokuba uThamsanqa wayefuna ukwakhela uMpumelelo indawo yokuxilongela.√√ (2)

1.2.3 Kungokuba wayebone iincwadi ezicacisa ingxowa eyenziweyo ngala mashishini akowabo.√√ (2)

1.2.4 Lifanelekile kuba ubukho bakhe kwaNtsibande bubelithamsanqa kuMpumelelo akuswelekelwa ngabazali bakhe.√√ (2)

1.2.5 Ongqukuva√ kuba isimo sakhe siyatshintsha ngokweemeko ahlangabezana nazo ebalini kuba nakuba liqala ibali elungile ubandlongondlongo afune ukulwa emdanisweni.√ (2)

1.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

1.2.7 AbakwaMakhwetshu bamenyelise kwizibonda zaseMlazi, eGliblands naseLamontville uLungile bekhalazela kuba ethengiselwe ivenkile eMlazi engengomZulu oko kwenza ukuba usapho lwakwaNtsibande luyifumane ebunzimeni ivenkile.√
UNtongana wayekhe waza kufuna iincwadi zevenkile ngelithi asiyoyakwaNtsibande koko ililifa lakhe noNozililo.√
Amanani abaxhasi bevenkile ehla ngenxa yolwimi lukaNozililo.√
UNozililo wathumela ootsotsi ukuba baye kutshisa ivenkile kodwa babhaqwa.√
Isimo sikaNomakhwezi nokungaxabisi abathengi kubengumqobo ekukhuleni kwevenkile.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

1.2.8 Uphumelele kuba uMpumelelo emva kobunzima bokuswelekelwa ngabazali bakhe nakumayelenqe kaNozililo uye waqhubekeka nemfundo wada waphumelela izifundo zakhe zobugqirha.√√ (2)

**[17]**

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 KukwaTsolo√. (1)

2.1.2 Kunjalo, kuba uHlobo uthi amile akenzi nto ngombhodamo oqhubeka phambi kwawo njengabantu abaqeshelwe ukugcina ucwangco.√ (1)

2.1.3 Kusweleke√/kubhubhe√/kutshabe.√ (1)

2.1.4 Ukuba ungumntu oneemfihlo.√√ (2)

2.1.5 Ngokuthi amalungu ase*Moonglow* abulale uEddie Maga obengumqobo kumnqweno wawo wokuthengisa iziyobisi.√√ (2)

2.1.6 (a) NguEddie Maga.√ (1)
(b) Ngokuthi aqiniseke ukuba uEddie akanaso esinye isithandwa ngaphandle kwakhe, ze akufa noLulama azibone engumrhanelwa ngento ebengayazi kwaukuyazi koko ebemqhula ngayo eleteni.√√ (2)

2.1.7 Wayeqhuba uphando malunga nokubulawa kukaEddie noLulama√ /wayeyokufuna iinkcukacha ezazinokumncedisa kuphando lwakhe lokufumana ababulali bakaEddie noLulama.√ (1)

2.1.8 Kungokuba uHlobo wayesalandela ubungqina obutsha obuvelileyo malunga nabona babulali bakaEddie noLulama.√√ (2)

2.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi amalungu ase*Moonglow* abanjwe agwetywe.√√ (2)

2.1.10 Kunjalo, kuba uvela kweli nqanaba umcimbi ekuza kuba ngawo ebalini, ukufa kukaEddie noLulama okuza kuphandwa nguHlobo√√/kuvela isimo sentlalo ngokwexesha nendawo, ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo kuba kuthethwa ngendlela ekuphilwa ngayo elokishini, abantu bezenzela amashishini angekho mthethweni bephepha amapolisa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kukuba akakaneliseki bubungqina abufumeneyo bokuba kutshutshiswe uLinda.√√ (2)

2.2.2 Ngowokuba abone uLinda egwetyelwa into ayaziyo nayenzileyo.√√ (2)

2.2.3 Kungokuba wayeqinisekile ukuba uLinda unetyala ngokobungqina uHlobo awayenabo, kumcaphukisa ukuva ukuba uHlobo yena akasaboni ngolo hlobo.√√ (2)

2.2.4 Lifanelekile kuba wawulinda iminyaka emininzi umtshato awayethenjiswe ngawo nguEddie waphela engadanga wawufumana.√√ (2)

2.2.5 Osicaba√ kuba isimo sakhe sokukhohlakala nokunyolukela imali esivela ekuqaleni kwebali asitshintshi kuba nasekupheleni kwebali ubanjelwa ukuthengisa intsangu ngenxa yokunyolukela imali.√ (2)

2.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

2.2.7 Yileta awayeyibhalele uEddie esithi umnika ithuba lokuba ahambe nesithandwa sakhe sesibini.√
Ngumpu oyi *.38 automatic* ekwafunyanwa imbumbulu yawo entloko kuEddie.√
Luhlobo lwamavili oluzii*Roadmasters Tyres* olwafunyanwa kwindawo ekwadutyulelwa kuyo uEddie.√
Luhlobo lwedyasi engathi yi*Mink Coat* eyayinxitywe linenekazi elabonwa e*Rio Cinema* ngobusuku bokusweleka kukaEddie noLulama efana nekaLinda.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

2.2.8 Uphumelele kuba nangona amalungu ase*Moonglow* ebetyabeka uLinda ngetyala lokubulala uEddie noLulama, ngophando lukaHlobo aphele ebanjwa ze agwetywa.√√ (2)

**[17]**

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 KuseNtshiqo.√ (1)

3.1.2 Kunjalo, kuba wayekhangelwa ancanywe xa kuza kutyiwa isidlo sangokuhlwa engabonakali apho akhoyo.√ (1)

3.1.3 Yayingamkhathazi.√ (1)

3.1.4 Ukuba ungumntu onendlela yokwenza ukuba akwazi ukumelana nentlungu akuyo√√/ unendlela yokuzixolisa√√/ onendlela yokuzivisa kamnandi xa esentlungwini.√√ (2)

3.1.5 Ngokuthi awanikezele kulawulo lukaMonwabisi amashishini akhe, owenze ukuba aphuhle kakhulu ande.√√ (2)

3.1.6 (a) Ngabasebenzi bakwaThandabantu ababelawula amashishini neencwadi zevenkile.√ (1)
(b) Ngokuthi bambele imali uThandabantu.√√ (2)

3.1.7 Wayeyokunikezela ulawulo lwamashishini kaThandabantu kuMonwabisi√/ wayeyokuba lingqina njengagqwetha lakwaSihlunu xa ooThandabantu benikezela amashishini kuMonwabisi.√ (1)

3.1.8 Kungokuba uHlubikazi wasiyeka phakathi isikolo akakugqiba ukufunda√√/wakhulelwa wahlalisana noJoe eMlazi.√√ (2)

3.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi uThandabantu athathe isigqibo sokunizela amashishini ukuba alawulwe nguMonwabisi.√√ (2)

3.1.10 Kunjalo, kuba kukweli nqanaba apho kwaziswa abalinganiswa abadlala indima ephambili, umzekelo uMonwabisi uvela kweli nqanaba√√/ umcimbi ekuza kuba ngawo ebalini, uMonwabisi ubonakala kweli nqanaba esemncinci ephithizela phakathi kwabasebenzi efunda zonke izakhono ngevenkile√√/ kuvela isimo sentlalo ngokwexesha, ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo kuba kuthethwa ngemfundo nevenkile.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Kukuba eyakhe yayivuthuluke incinci ingekho kwixabiso lokuba ingaxhelelwa ukuthengiswa.√√ (2)

3.2.2 Kukuba ngaphambili ayeqhuba kakuhle kakhulu kodwa ngoku kuthiwa ayathsuthsuza.√√ (2)

3.2.3 Kungokuba uMamTolo wayemthatha njengesicaka uMonwabisi√√/ uThandabantu wayemqonda ukuba uMonwabisi unakho ukujonga loo mashishini ngolwazana analo ngevenkile√√/uThandabantu nosapho lwakhe babeyokuhlala edolophini kuTsolo√√/ kungokuba wayesele nabasebenzi abambalwa ababesasebenza kwaThandabantu.√√ (2)

3.2.4 Lalifanelekile kuba yalithiywa ngenxa yempatho-mbi kaThandabantu kubasebenzi abatsha awayesoloko ebangxolisa, bambi abagxothe.√√ (2)

3.2.5 Ongqukuva√ kuba isimo sakhe siyaguqu-guquka ebalini kuba ekuqaleni kwebali ubonakalisa ukungamamkeli nokumphatha kakubi uMonwabisi kodwa ekupheleni kwebali uyajika abenothando olungazenzisiyo ngakuMonwabisi amthathe njengonyana wakhe.√ (2)

3.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

3.2.7 Wayephethwe kakubi nguMamTolo.√
Wayetsala nzima esikolweni engaphumeleli nangona wayezimisele ukufunda.√
Washiywa yedwa eNtshiqo.√ (3)

3.2.8 Uphumelele kuba uMonwabisi wanyamezela intlalo ebuhlungu yakwaMamTolo esebenza nzima evenkileni kanti oko kuya kumnceda ekugqibeleni kuba ibali liphela inguye owongamele amashishini kaThandabantu√√/ uphumelele kuba uThandabantu uye wanyamezela akanikezela ngamashishini akhe awathengise nakuba ayengaqhubi kakuhle ada ekugqibeleni aphinda avuka ngokwendlela awayenqwena ngayo kwasekuqaleni.√√ (2)

**[17]**

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 KuseMdantsane√/kukwaNdila√ kukwaFuneka√ (1)

4.1.2 Kunjalo, kuba nguye okhuthaza uNdila ukuba makaziphindezele kuMawonga.√ (1)

4.1.3 Ixesha.√ (1)

4.1.4 Ukuba ungumntu olumkileyo.√√ (2)

4.1.5 Ngokuthi aphumelele ekwenzeni uLoni inxila eliphaleleyo de aphelelwe ngumsebenzi.√√ (2)

4.1.6 (a) NguZanele.√ (1)
(b) Ngokuthi angene lula kumgibe abewuthiyiselwe nguNdila wokumeyelisela etywaleni.√√ (2)

4.1.7 Babeyokulahla isidumbu sikaMawonga.√ (1)

4.1.8 Kungokuba wayejonge kwaesi sikhundla sikaMawonga sobunqununu√√/wayevuyela ukuba uMawonga engawenzi kakuhle umsebenzi wakhe ukuze aze kuphelewa ngumsebenzi ibe nguye inqununu.√√ (2)

4.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi bobabini uNdila noMawonga babhubhe.√√ (2)

4.1.10 Kunjalo, kuba izithole zempixano ziyantshula kuba uNdila obegxothwe emsebenzini ngenxa yokunxila uqulunqa icebo lokuziphindezela kuMawonga√√/izimo zabalinganiswa ziyadula kuba uMaziko uyacaca ukuba ungumphixanisi.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Kukuba abahloli bebefikile ngoMvulo ophelileyo bafika inqununu uMawonga inxilile.√√ (2)

4.2.2 Ngowokuba intlanganiso icebise malunga nokunokwenziwa ngokunxila kukaMawonga de abhaqwe nangabehloli√√/ intlanganiso icebise ngomntu oza kungena esikhundleni sikaMawonga.√√ (2)

4.2.3 Kungokuba wayelungiselela ukuba ze kuvele igama likaMaziko owayesele emthembisile ukuba uza kumfaka kwisikhundla sobunqununu.√√ (2)

4.2.4 Lifanelekile kuba ufuneka ngamandla kwicebo likaNdila lokuziphindezela kuMawonga ngenxa yesimo sakhe nokwazana kwakhe noNdila.√√ (2)

4.2.5 Ongqukuva√ kuba isimo sakhe siyaguquka ebalini kuba uvela ekuqaleni engumntu ofuna indoda eyeyakhe kodwa njengokuba liqhuba ibali uvela ekonwabele ukuthandana noMawonga otshatileyo, engasakhathalelanga nomtshato.√ (2)

4.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

4.2.7 Wazithethelela kubahlobo bakhe ooNaniwe noNomadinga mhla babemcebisa ukuba makayokubetha uZanele ukuze ahlukane noMawonga.√
Unyamezele ukunxilelwa nguMawonga de amhlawulele namatyala akhe otywala.√
Uye waxelela uNomasoka kunye noRay abalusapho lukaMawonga ukuba beze kumngxolisa.√ (3)

4.2.8 Uphumelele kuba uNdila lo obeziphindezela kuMawonga ujikelwe yimpindezelo ngokuthi uMawonga naye aziphindezele ngokumenzela iyelenqe lokunga ubulewe nguye, bafa bobabini.√√ (2)

**[17]**

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 KuseNgcobo√/ kukwihotele kaThambolenyoka√/ kukwaThambolenyoka.√ (1)

5.1.2 Kunjalo, kuba uthethelela inkohlakalo ayenzayo yokuthengisisa abantwana abangamantombazana imizimba njengenye yeendlela zokwenza ubutyebi.√ (1)

5.1.3 Izinhanha√/ izigwili.√ (1)

5.1.4 Ukuba uqinisekile ngempumelelo yeqhinga lakhe lokulobela uDina kuNyoka.√√ (2)

5.1.5 Ngokuthi aqhube ngabo ishishini lokuthengisa imizimba bafundiswe neziyobisi.√√ (2)

5.1.6 (a) NguNoyongo.√ (1)
(b) Ngokuthi axhatshazwe ngokwesondo√√/ uphele ekhulelwa√√/ watyiswa iziyobisi√√/ wathengisiswa umzimba.√√ (2)

5.1.7 Wayeyokuphangela√/ wayeyokusebenza umsebenzi wokuhlamba iimoto.√ (1)

5.1.8 Kungokuba waye wahlasela uThambolenyoka ngebhotile wamshiya enenkenkebula yenxeba ebusweni.√√ (2)

5.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi uThambolenyoka abanjwe, agwetywe.√√ (2)

5.1.10 Kunjalo, kuba kuvela kweli nqanaba ukuhlwayelwa kwembewu yempixano kuba uDina uza kuqala ubomi obutsha bokuxhatshazwa nguThambolenyoka engazi√√/kutyhilwa abalinganiswa abaza kuthatha inxaxheba ebalini√√/kwanekwa isimo sentlalo kuba kutshiwo ukuba uThambolenyoka nooNoyongo basehotele ekwidolophu yaseNgcobo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kukufumanisa ukuba kukho inenekazi angaliqondiyo elinxibe ngokuzifihla kwihotele yakhe.√√ (2)

5.2.2 Wayebabona bengawenzi kakuhle umsebenzi wabo wokujonga yonke into eqhubekayo apho ngaphakathi ehotele kuba bengakhange balibone eli nenekazi lingaziwayo, alibonayo yena.√√ (2)

5.2.3 Kungokuba wayekhuselwa ngamagqwetha akhe√√/ kukholeleka ukuba wayenendlela yokuwasusa amangqina xa ethe wabanjwa ngamapolisa√√/ kwakungekho mntu ufuna ukuba lingqina kuba wayeduka umntu olingqina ze afunyanwe ebhubhile.√√ (2)

5.2.4 Lifanelekile kuba nguye owayesoloko ethetha noDina emlungisa kwiimpazamo zakhe nabazali bakhe babemthembile ukuba uyakwazi ukuthetha nodadewabo kulunge.√√ (2)

5.2.5 Ongqukuva√ kuba isimo sakhe siyaguqu-guquka ebalini, ekuqaleni kwebali uvela elelona themba likaThambolenyoka, ewenza umsebenzi wakhe ngokuzimisela kodwa xa liphela ibali uyamjikela abekwicala lamapolisa ukuze abanjwe agwetywe uThambolenyoka.√ (2)

5.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

5.2.7 Wayokumbambisa emapoliseni ngokumtyhefa ngeziyobisi.√
Wavula idokethi yesimangalo emapoliseni nangona wayexelelwa ukuba kunzima ukumbamba uThambolenyoka.√
Wenza iqhinga lokuba abasebenzi bakaThambolenyoka babengamangqina omthetho.√ (3)

5.2.8 Uphumelele kuba uThambolenyoka wawuqhuba umsebenzi wakhe wokushishina ngamantombazana kunzima ukuba abanjwe kodwa ekugqibeleni wade wabanjwa ngenxa yokukhalipha nobulumko bukaDina.√√ (2)
**[17]**
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: 'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu & EZ Guqa

6.1 6.1.1 KuseThembeni.√ (1)

6.1.2 Kunjalo, kuba abantwana bakhe babehleli bengafundi ebolusisa loo mfuyo yakhe.√ (1)

6.1.3 Iehla.√ (1)

6.1.4 Ukuba ungumzali okhohlakeleyo nongenanceba.√√ (2)

6.1.5 Ngokuthi iintombi zakhe ziphele zingendanga, ze zathi naxa seziphangela azamnceda nganto malunga nemfuyo yakhe etshabalalayo.√√ (2)

6.1.6 (a) NguMathidala.√ (1)
(b) Ngokuthi aphulukane neentombi zakhe isithuba seminyaka emine√√/aphulukane nokubona abazukulwana bakhe ekuzalweni kwabo.√√ (2)

6.1.7 Babeyokucelela uNobesuthu noNomtha uxolo.√ (1)

6.1.8 Kungokuba zazisamqumbele ngenxa yokuba wayezigxothile kowazo.√√ (2)

6.1.9 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi iintombi zakhe zilishiye ikhaya zingafuni nto izidibanisa noMathidala.√√ (2)

6.1.10 Kunjalo, kuba izithole zempixano ziyantshula, uthi akukhulelwa uThandile liphele ithemba likaMathidala lokukhulisa imfuyo yakhe atsho azale ingqumbo de agxothe uNobesuthu noNomtha.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2 **ISICATSHULWA L: 'IKHIKHIELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

6.2.1 Kukuba nangona ebuyile unyana wakhe uFanabekho inkangeleko yakhe yayingeyiyo eyalaa nkwenkwana ayaziyo eyashiya iDangwana kwiminyaka elishumi elinesixhenxe.√√ (2)

6.2.2 Kukwazi ukuba uFanabekho ubuye umphelo na.√√ (2)

6.2.3 Kukubona imeko awayekuyo yobumdaka neenzipho ezinde, kungacaci nokuba ngumntu ophilayo na okanye sisithunzela.√√ (2)

6.2.4 Lifanelekile kuba nangona ekhona njengendodana uxanduva lwekhaya luhleli emagxeni kanina.√√ (2)

6.2.5 Osicaba√ kuba isimo sakhe asiguqu-guquki ibali liqala engumntwana ongelulo uncedo ekhayeni lakhe into ayaziyo kukunxiba kakuhle kanti nasekupheleni kwebali usekwanjalo.√ (2)

6.2.6 ... wesithathu√
... yena.√ (2)

6.2.7 Wathumela imiyalezo ebuzisa kwizihlobo.√
Waye waya kusiyazi eHlakomo.√
Waya kumthandazeli wakuQumbu kwilali yaseThwa.√ (3)

6.2.8 Uphumelele kuba uFanabekho uye akenza mizamo yakuzikhupha kwimpilo yobugxwayiba azifake kuyo ngokulichithela ebudengeni ixesha lakhe.√√ (2)
**[17]**
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S.Maputi nabanye**

7.1 **'IMBONGI– KN MANCIYA**

7.1.1 Yezibongo.√ (1)

7.1.2 Yimfano-zandi.√ (1)

7.1.3 Gorha√/ khalipha√ (1)

7.1.4 (a) Yinto edibanisa izinto ezimbini ezahlukeneyo.√ (1)
(b) Imbongi kukholelwa ukuba inonxibelelwano nabangasekhoyo, ke iyathunywa ngabo ukuba idlulise imiyalezo yabo kwabasaphilayo.√√ (2)

7.1.5 (a) Yingcungcu√/ ngumavula-kuvaliwe√/sisinyikatha sesazi.√ (2)
(b) Olokuba imbongi ivelele kunabanye abantu ngokwazi√√/ ayithuliswa xa ibonga kwaye ayinamida ithulula oko ikuthunyiweyo njengoko kunjalo√√/isisele ekudinjazwa kuso ulwazi.√√ (2)

7.1.6 (a) Netshoba letola.√ (1)
(b) Luphuhlisa ukuba imbongi iyafana namagqirha ngokwezixhobo eziphathayo xa ibonga√√/inezimbo ezifanayo nezamagqirha.√√ (2)

7.1.7 Umqolo we-16 wakhiwe ngamagama amane kanti owe-17 wakhiwe ngamagama amathathu.√√ (2)

7.1.8 Sisikweko.√ (1)

7.1.9 Ungemikhwa, iindlela ezibonga ngayo iimbongi zomthonyama negalelo lazo entlalweni√√/ungokwahluka kweembongi kwabanye abantu ngokwesiphiwo nomsebenzi wazo esizweni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.2 **'LALA NJALO KE MADIB' OMKHULU!' – T YAWA**

7.2.1 Kukubaluleka kwakhe.√
Sisiduko sakhe.√
Ngumnombo wakhe.√
Kukuba akasekho ubhubhile.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.2.2 '… mbombo zonke zehlabathi;'√ (1)

7.2.3 Ukuvakalisa ukuba iindaba zokusweleka kukaMadiba zazingakholeleki√√/ zothusa.√√ (2)

7.2.4 Ukuba uMadiba ebeyinkokeli ezibaluleyo ekwizinga lokuhlonitshwa nokubongwa yimbongi yesizwe enjengoMqhayi√√/ukuba uMqhayi ebesaphila ebengayi kuthi cwaka ngoMadiba ngenxa yemisebenzi yakhe emikhulu.√√ (2)

7.2.5 Ngothando lwakhe kubantwana.√√ (2)

7.2.6 Gwangqandin' elinomkhitha√ (1)

7.2.7 (a) Lolokuba ngumntu ohlala ekhululekile onwabile.√ (1)
(b) Lolokuba linene elinyathela ngokuzithanda nokuzithemba√/ unendlela ecwangcileyo yokwenza izinto.√ (1)

7.2.8 Sisincomo√ kuba imbongi ibonakalisa ukomelela kukaMadiba kuba ephile ixesha elide nangona impilo yakhe ibingentle.√√ (3)

7.2.9 Ngumbongo womthonyama√ kuba isakhiwo sawo sangaphandle siyimiqolo etyhutyhumezayo ayahlulwanga ngokwezitanza√/ kusetyenziswe imfano-zandi kwimiqolo eliqela√/ kusetyenziswe amagama ambaxa√/ kusetyenziswe imibuzo buciko√/imbongi iyamkhahlela√/ isebenzise isigama esizobayo nesakha imifanekiso-ngqondweni. (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**